

Imvo Zabantsundu.

(NATIVE OPINION)

Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.

IXABISO 3d.]

KING WILLIAMS TOWN NGOLWESI-NE, FEBRUARY 6, 1890.

[No. 273

IXESHA LE BHOLA, 1889. DYER NO DYER,

BANZIKA into eninzi ye Mpahla ye Bhola, abayite dlakana ukuba ibonwe; kuko nento ezintsha, ekumhla zenziwayo NANGABENZI ABAZINTLOKO.

I-BHATI.

Zika Lilly-white, Izipato ze Cane 16s
„ Ezilunge ngapezulu 21s
„ Ezispeshele 21s „, Eziketiwewayo
25s „, Duplex Driver 30s
Zika Cobbet's Eziyi Single Cane 15s „, I Eziyi
Double Cane 17s

Zika Cobbet's Cane Zonke 19s
„, Ezenziwe Speshele 25s Bartlett's
ezi Double Cane 13s 6d
„ ezi All Cane 16s 9d
„ ezi Kuncotula 19s 6d Zamadoda zoku
praktisa 5s 6d, 8s „, Dove Tail (extra strong) 9s

I-Seti Zentsapo 6s 6d, 10s, 12s 6d. I-Stumps 5s
6d, 10s, 12s, 16s 6d.

I-BHOLA ZE KRIKITI

Ezika Duke ezimitungo ipindiweyo 4s 6d.
„ „ extra strong 6s 3d.
Ezentsapo 2s 6d.
Ezika Duke ze Match 5s 9d. 6s 3d, 7s

Ezika Ayer's Ze Match ezimitungo ipindwe
katumu 9s.
„ „ i Catgut „, 10s.
„ „ Lillywhite 6s 6d, 7s, 8s, 8s 6d

IZANDLA.

Zokugcina i Wikiti 6s, 7s 6d, 8s 6d, 8s 9d, 10s, zenziwa nge twatwaelimhlope—ngolusu
iwebokwe—nge Gold Cape Tan Chamois nentlotyantlotyana zonke ezintsha.

Zobetayo Ezolusu lwe nja 7s 3d, 8s 6d, and '9s. Eze Bhokwe 7s 3d.
Eze Buff Chamois 7s 3d.
I New President Batting Glove 9s 6d.

*Impahla entsha engazange yako ye TENNIS, isand' ukunqikwa. Intonga ze
Tennis ziqalela kwi 6'6 kuse kuma 30/-.*

Imitwalo emikulu yempahla entsha, yase ntlakohlaza
ifika ngo Stemele bonke.

DYER NO DYER, ABANENGUBO ZAMANENE, KING WILLIAMS TOWN.

Kotenga i Seti yonke kwapulwa i Sheleni zo mbini e pontini,
amanani awodwa kule mpahla. Paula Mlesi!

BON MARCHE!

[Apo Kutengiswa impahla entle ngamanani
angemakulu],

E-GRAHAMSTOWN

Saneke lityali ezitshipu kanye, ifishini ezona zintsha, ziqala kwi 3/- inye.
Ikaliko Emhlope ne Brown, iqala 2 ½ d. yd.
Amicako etungelwa kwi Blanket, iqala 4 ¾ d. yd.
Ezona Ntlobo zintsha ze Print, 3d., 4 ½ d., ne 6d. yd.
Iqiya ze Keshemiya. Ezimnyama nezamanye amabala 11- inye.
Iblanket zoboya ziqala 5/- inye.
Amabhayi 21- lilinye; i Cotton Sheets 1/6 inye.

YONKE IMPAHLA YABATSHAKAZI !!

I Dress zenziwa apa, ngezona ndlela zigqitiseleyo, yi Ledi esand'
ukuvela e-England.

INGUBO ZAMADODA.

IBHULUKWE ZE KODI, ziqala 5s. inye.
IBHATYI ZE KODI, ziqala 10s. inye.
IBHULUKWE ZE STOFU (Tweed), ziqala 2s. 11d. inye.
IBHATYI ZE STOFU, ziqala 6s. inye.
ISUTI Emhlayo umfana ifishini entsha, 21s.
IHEMPE, 1s. inye.

*Oze Kutenga apa ngokwalatiswa yi 'Mvo' maze akuxele oko. Ukuba utenge
ngexabiso eligqite kwi ponti enye (E) uyakubuyi ayinikwe isheleni ngeponti nganye.*

JOHN W. BAYES & CO.,

Kwi Kona ye Bathurst Street ne Church Square,

E-GRAHAMSTOWN

Inyama ne Zonka,

Nento ezinjenge-kofu ne swekile zitengeni ko

BOURKE no MARSH,
E Nyutawini nakwisitalato esipambi
kwe ofisi ngase mcantcatweni.



EZAKOMKULU NGE GUNYA

ISAHLULO SASE QONCE.

Isaziso sika Rulumente Ngemihlaba.

KUYAZISWA okokuba imali Yemihlaba
Yezikonkwane, neyo Notenga, neye
Ngqesho ifuneka ibhatelwe ekupeleni
kwalonyaka odluleyo, kufuneka ibhatelwe
kuyo le Office ngapakati kwenyanga ezintatu
kuwo lomnyaka, kodwa kungagqiti le yesitatu
inyanga u MARCH, 1890.
Ongasipulapulanga ke esi Saziso, engabhatlanga
irafu yake, uya kufinjwa impahla yake, itengiswe
ngawo u Mteto u No. 9 ka 1884.
Irafu ye Zikonkwane neyo Notenga
ngo Mteto No. 14 ka 1878, nango Mteto
No. 10 ka 1881, neye Ngqesho ngo Mteto
No. 19 ka 1864, nayo eye Mihlaba ngapantsi
kwo Mteto u No. 37 ka 1882 ifuneka ibhatelwe
ngapambili, ngokutwasa kwonyaka werafu.
W. B. CHALMERS,
Civil Commissioner.

Civil Commissioner's Office,
King Williams Town,
2nd January, 1890.

IFANDESI LEMIHLABA YAKOMKULU

KWI SIQINGATA

SASE QONCE.

NGOMISELO we Sahlulo II
so Mteto u No. 15
we 1887, kuyahlokonyiswa
apa okokuba Iziziba zomhlaba
Wakomkulu ezikwesi Siqingata
sase Qonce, ziya kutengiswa,
zitetelwe ngapambi kwe Ofisi
ye Civil Commissioner e Qonce
ngo 10 am , ngolwesi-Hlanu,
14th February, 1890.

Ingxelo ezeleyo ngokuma
kwalomhlaba uyakutetelwa,
nemeko zokuxhonywa kwomhlaba
ngamnye, zofunyanwa kwi pepa le
Mvo Zabantsundu lomhla we 9th
January, 1890.

W. B. CHALMERS,
Civil Commissioner.

King Williamstown, 10th January,
1890.

Sitt3,2,90

ISAZISO

KWI HEWU.

KUYAHLOKONYISWA
ukwaziswa okokuba nge
Siqendu Sokuqala so Mteto we
Mihlaba Elahlweyo No. 3 we 1879,
ohlonyelwe ngo Mteto No. 24 we
1887, okokuba iziziba zomhlaba
ezise Hewu nase Kamastone,
kwisiqingata sase Queenstown,
itatyatelwem ukuba yelahliweyo
ngoko kuxelwa emtetweni
nokokuba u Rulumente nya
kuyitabata ngo 15th JUNE,
1890, de kube kuko ibango
nokuhlulwa kwe rafu ezidlulelwe
ngamaxsha kwi Civil Commission
ye Siqingata, njengoko kufunwa sesi
sahlulo salo Mteto sise
sikankanyiwe.
Inqazo ezeleyo yale mihlaba
ilahliweyo yofunyanwa kwi
Government Gazette Notice No.
1010, 1889 yomhla wa 25
November, 1889, eshicilelwe kwi
Government Gazette.

W. B. CHALMERS,
Civil Commissioner.

King Williams Town,
13th January, 1890.

BAKER, BAKER & CO

Elobushushu Ixsha,

Elokubanda Ixsha,

Elobumanzi Ixsha,

Elokoma Ixsha,

Onke Amaxesha.

BAKER, BAKER & CO.

BANEKE NGOKU

Ingubo Ezifudumeleyo,

Ingubo Ezipolileyo,

Ingubo Ezilungileyo,

Ingubo Ezingangenwam mvula.

Zamaxesha onke ngamanani onke.

KANIZE KUBUZA I

Bhulukwe zetu ze Kodi
ezitshipu

I BLANKETE, IMINQWAZI,
AMAQHINA, IZIHLANGU,
NOMAQATENI (Shoes).

EZIBALULEKILEYO,

ISUTI ze TWIDI ZAMADODA, 11/6.

IHEMPE ZAMADODA, 1/- and 16.

BAKER, BAKER & CO.
EQONCE.

John J. Irvine & Co

KING WILLIAMS TOWN.

ISUTI zamadoda ze Stofu—12/6, 14/-, 16/-, 18/-, 20/.

IBHATYI „ „ —5/-, 6/9, 8/9, 10/6, 12/9.

I-Bhulukwe „ „ —4/-, 6/6, 5/6, 6/6, to 15/-.

Imitika emnyama (yokutshata)—12/6, 15/9, 17/9.

Ibhulukwe zamadoda ezingwevu (zokutshata)—16/9 to 18/9.

Ihempe zamadoda zombenzi—10d., 1/-, 1/3, 1/6, 2/

Ihempe ze fulaneli—16, 1/9, 2/-, 2/6.

Ihempe zamadoda ezihayinishwayo—2/6, 2/11, 3/6.

Kuko i Bhulukwe ze Kodi ezitile (ezona zohlobo)

7/6

Intlobo ezintsha zetyali (esazulwini apa azinamabala, koko kupela
asemqumbelweni). Zisusela ku 4/6 zise kwi ponti.

Iprinti ezisand' ukufika—3d., 4d., 5d., 6., 7d. nge yadi.

Ikaliko—2d., 3d., 4d., 5d., 6d. nge yadi.

Ilinzi—4d., 5d., 5 ½ d., 6d. nge yadi.

Izitofu ezibugqi—6d., 7 ½ d., 9d. nge yadi.

Lo ndlu ingentla, yeyona impahla itshipu, nenempahla
epilileyo.

JOHN J. IRVINE & CO.,
u-ALUVENI.

GIBBERD & BRYANT,

KING WILLIAMS TOWN.

I-lokwe zokutshata ze Setini emhlope i-Ready-made 30/-.

I-lokwe zokutshata ze Setini e-Cream i-Ready made 30/-.

I-lokwe ze Alpaca emhlope Zokutshintsha

I-lokwe ze Setini enamabala 17/6.

I hempe ezimhlope 16 inye; I hempe ezihonjisiweyo 1/- inye.

I-SETINI EMHLOPE 10d. nge yadi I-SETINI E CREAM 10d. nge yadi

I-ALPACA EMHLOPE 6d. nge yadi.

I Kwilita zokulala ezimhlope 4/6 inye.

I Printi ezingapumiyo 3d nge yadi.

I Printi ezilunge kanye ebize ze 6d. ngoku zitengiswa nge 4d.

Itiyali zokuhomba ehlotyeni.

GIBBERD & BRYANT,

IZAZISO NGE "MVO."

EKA GRAY

Incindi Epitikeziweyo

Umzi wakowetu mawuyi qondisise kakuhle indlela yokuhlaulela

'IMVO ZABANTSUNDU'
ukuba intlaulo

Erolelwa Ikwata, xa ifike

kwange nyanga yokuqala..... 3s.
Erolelwa Ikwata, ifike emva kwenyanga
yokuqala 3s. 6d.

Kuvulelekile ukuba otandayo awuhlaulele wonke unyaka kwausaqala. Intlaulo yonyaka ifike kwa usaqala, 12s.
Ngangoko kunokwenzeka intlaulo itunyelwa nge Money Order efunyanwa kwi Post Offices.

W. LORD & CO.

ABATENGISI

BEMPAHLA—YENTSIMBI

BEMPAHLA—OZIKOMITYI

BERULUWA

BEMIPU

BEMBUMBULU, zentlobo zonke njalo njalo.

E MARKET SQUARE,

KING WILLIAMS TOWN.

PAULA!

O Messrs. Webb & Wilson

BAYA

KUVULA IVENKILE ZABO

ZASE

BATENJINI

NGO

1ST FEBRUARY, 1890.

ISAZISO.

NDIYA wazisa umzi wakowetu ose Maxhoseni, Embo, e Natala nase Dayimani, ukuba mna, ugama lingezantsi, ndivule Ikaya Labahambi apa. Yeyona ndlu ikufupi ne Railway Station, e Kowie Street, kufupi ne bhuloro ekutiwa yi Dundas Bridge, apo nofumanisa kona impato efanelekileyo, izixhaso nokulala okufanelekileyo, ngamanani apantsi kakulu. Kukho nesitali samahashe esine groom epapame kunene.

ROBERT KHOLLA,

Kowie Street.

Graham's Town,

28th June, 1889.

Mawetu! Mawetu!!

YAZINI ukuba ndivule ecaleni kwe "Kaya" IVENKILE YENTWANA ZONKE EZIFUNEKAYO. Kuko nesebe Lencwadi ekuza kubako kulo zonke izishicilelo ezikoyo zesi Xhosa.

Ako Amaculo amahlelo onke. Kuko ne Noti (Tonic Solfa) ezimaculo matsha, amnandi. Elisebe lisaya kufezekiswa ukwanelisa iitshala, njalo-njalo.

PAUL XINIWE,

General Agent.

King Williams Town, June 10, 1889.

ZI TITSHALA!

KUFUNWA amadoda amabini okufundisa usapo, abuye abe zi Catechists, kwa ngoku. Omabini ubudala makabe ngapezu kweminyaka engama 25. Wobhalela umntu, etmela namapepa anqhina nge similo sake ku REV. J. PATTISON,

St. Michael's,

Herschel.

2iG2 90

SEKUPANGWE isibini sabantu imali e Kimberley ngamasela eba ngobugqi. Intokazi engu Mrs. Spencer ipangwe £10, yaza engu Mrs. Massey yabelwa £1 ngalondlela.

AWANGAPANTSI kwesitandatu amanene azimisele ukungena elugqatsweni lwe voti ukufumana isihlalo sika Mr. Tudhope obemele i Tinara e Palamente. Ngo General Nixon, Mr. J. Grewar, Mr. J. A. Holland wase Bhai one fam e Tinara, Mr. J. Birch, Mr. C. Lee no Mr. Nash. Umzi ontsundu uze ukulumkele ukuxhasa inene eliya kuqondakala ngezimvo zalo ukuba alinalundelo entweni enomntu ontsundu.

U MR. H. N. CHASE omdala wase Tinara utyibilike xa angena endlwini yake wawa wapuka inyonga.

ZISANYHATYA Pesheya izifuba ezibangwa yingqele. E London kusekufe 300 ngapezu kwenani elifayo kakade.

INKOSI zakwa Zulu ezisebubanjweni ngenafazwe le yokugqibela elive pantsi ko Dinizulu ziza kusiswa kwi siqiti sase St. Helena ngomkombe oyi Peacock.

KOKONA siluve ngaleveki usizi lokubhubha kuka Rev. Jacob Boom ngefileyo. Ukufa kumpumze kubulwelwe obebu bude.

UMTSHATO ka Mr. Benjamin Sakuba no Mrs. Sakuba liphuthe iqina lawo zi Jaji e Rini ngo-Mgqibelo, 1 February, ngenx' enesiposo sorexezo lomfazi.

INENE eliya kutabata isihlalo somfi u Mr. Lord, Q. C., ukumela i Kimberley e Palamente kumiselele ukuba lalawo ngo 7 March ozayo. Sagqibela ingu Mr. S. J. Lange okankanywa malunga nalondawo.

KWAKALA ukuba kumjikele wayo i Jaji iya kuwateta amatyala nase Cala.

IMVO ZABANTSUNDU.

NGOLWESI-NE, FEB 6, 1890.

Imini ye Mini e Qonce.

UMVULO oqgqileyo ibingumhla omkulu wokwamkelwa kwe Ruluneli ne nkosikazi yayo zizizwe ezimhlope nezi ntsundu ezimele elase ma Xhoseni. Siyazi ke ukuba umzi ontsundu sewuxonxe indlebe ukuba ude uve udaba lwezinto zalomini. Kubi ke noko kuti kuba amangandngandi enqubo yalomhla asishiye sisate hili, ebekufuneka ke sapola ukuze sibe nako ukulinganisela abebengeko esikubonileyo.

Yaba ngumotoko omkulu mhla kwavakala ukuza kumka kuka Sir. H. ROBINSON. Wati ekumkeni kwake washiya sigutyungelwe lilifu elimnyama lendano, nokuncama. Kwafanelana sekude kwafika isaziso sokuba ngu Sir HENRY LOCH oza kutata ubu Ruluneli beli lizwe azikamelekanga noko intliziyi zetu. Ude wafika ke u Mhlekezi sikweso simo sinjalo; saye ke ukuba njalo oko sisenziwa kukuba sake sabona ngesibongobongo samhla saba ngamaswili ngemini zika Sir B. FRERE, imini esiti nanamhla sakuzicinga kusuke kulume etunjini, imini eziti nokuba zisicotele ematongweni asebusuku sikedame kwi Nkosi yeminyanya yomakulu ukuba isigxotele eloshologu.

Sabona ngesibongobongo samhla ama Bhulu ada atyantsula emini ukumhluta ontsundu ilungelo lake elibona anokuti ngalo abe nokuzipendulela kwizinto zombuso. Sabona mhla kwa bhushuliswa abantu be Nkosazana e Glen Grey, bahlutwa imihlaba vabo kungeko nesokubika isizato seso senzo. Ngoku sekusiti ukusondela kwe Palamente kube lixala elikulu kuti kuba singayazi iTito engayawu mitwe li Bhulu ngomntu omnyama. Nyakenye sixwilwe sesilenga-lenga ebukobokeni obumnyama obebufihlwe kwi Pasi Engongqo. Intsongelo, nezinyhwebelelo eziphefunyulwa li Bhulu ngakuti, azisiniki lonwabo, zisifake emaxaleni, nase zoyikweni.

Nakubeni u Sir B. LOCH lomsebenzi wake upakamileyo unzima—wokupatela i Nkosazana abantu bayo bamabala ngamabala beli lizwe—ewutate pantsi kwemeko ezixakileyo, esikubone ngolwamkelo lwake olushushu, lusishiya uluvo lwetu ilolokuba—ulaulo lwake luya kuba lolunempumelelo. Impendulo zake kwimibuliso yamawetu noku nyanisa kobubele kobuso bake, kusinika itemba lokuba ngati elixa lempato yake loba lelentsikelelo.

“Doctor, don't you think the bonnets that the ladies wear now-a-days have a tendency to produce congestion of the brain?” “No, madam. Where your see one of those bonnets there is no brain to congest.”

Utyelelo Lwe Ruluneli.

Kwimizisi ayihambeleyo Umhlekezi Iruluneli, ehamba nenkosikazi Umhlekezi u Lady Loch, akuko nto izindaba igqite ezomjikelelo waba bantu bakulu. Ihambo yabo, njengokuba yase usazi umzi, iqale e Kapa ngeveki engapaya, bafika

E BHAI,

umzi wokuqala ababesingwa kuwo, ngo. Mgqibelo walo cawa. Bafika umzi ute ukuhonjiswa warola inqaba ukuba mhle. Amatala emiti abambe emiswa ezitalatweni evatiswa ngamahlamvu. ubunewunewu bamalapu, osuke waqama ngawo umzi, kwanezi bane ezimabala-bala amahle eziqheleziswe ngazo izindlu ngabaninzi ukwenzela impi yo Mhlekezi isihomo— ite yonke lonto yabeta kwakuhle kwagqibela. Ungayiqonda mlesi into obekuyiyo xa sithi i Bhai libe lidale ingxowa emapezu kwe waka elinamakulu amabini eponti ukuhlangabeza lomhla. Kanti ke noko asinasituba sokuchukusha into ezintle ezenziwe ngabahlabo betu abamhlope. Kwanele xa sihamba sicapula kwizinto ezipatele kwabakowetu kwezindawo. Ite yakufika e Bhai i Ruluneli yasinga e Town Hall apo kuleswe umbuliso wabamhlope no M'buliso Wamawetu Ase Bhai.

Baveliswe ngu Mr. Brister i Mayor abatunywa abapete umbuliso wabantsundu, ingu Mr. Isaac Wauchope pambili. Ulese lom'buliso.—

Ku Mhlekezi u Sir Henry Brougham Loch, K.C.B., Iruluneli no Mtunywa-Omkulu, njalo-njalo.

Makube chosi kuwe Mhlekezi: Tina bamagama abhalwe ngezantsi, bamele umzi omnyama wase Bhai sibulisa ngenoboko nentobelo-mbuso wena Mhlekezi no Lady Loch. Singaba sibe bafutshane emfanelweni yetu ku Mntan' Omhle Inkosazana u Victoria ukuba site elituba lotyelelo lose ndaweni yo Mntan' Omhle saliyeka lagqita singahlokomisanga izimvo zentobelo-mbuso.

Siziva sinokukunika izwi letu Mhlekezi ukuba singabantu abasoloko bonwabile pantsi kwepiko lama Britani. Iminyaka yonke kuya kucaaca ngokucaca ukuba amalungelo etu makulu kunawentlanga zakowetu ezise pantsi kwe Nkosi zazo ezisazipetyo. Siziva sikhuselekile, mayelana neziqu ne mfuyo yetu; bona bangabasenzi kolulowo—sanele ukuba xa sukuba shileli ekalungiseni siyilulamele imiteto, ukwenjenjalo kwetu kuya kubukwa zipata-mandla zetu, nangabazinezintlanga.

Sinoku kufumbatisa kwakona Mhlekezi ukuba, ngokupatelele kwabamnyama be Koloni, ingcinga ezingemfazwe yinto yexesha eladlulayo. Sebe liqondile ixabiso lokuzivakalisa emapepeni iziroro zabo, ukutuma imitandazo e Palamente, nokutuma abantu kwizipata-mandla xa bufana belungiselwe into abazirorelayo. Bate ke kulomkondo bakhutazwa ngu Ruluneli nangabantu abakulu kwabamhlope beli lizwe.

Siziva siqinisekile ukuba woti u Mhlekezi atumekelele ukuncedisa ukuchama kwabantu abamnyama beli lizwe,abaqinisele amalungelo abo adluliseleyo amayelana nento zentlalo, nezombuso, nawemfundo.

Singa kwakona singabulisa ngolulamo, kodwa ngentliziyo ku Mhlekezi u Lady Loch. Ekujikeleli kweli sanele ukuba yaya kugqala ngobubele ingqeqesho yama nkazana antsendu entweni zokunyana.

Sinqwenela wena Mhlekezi no Lady Loch ihambo entle nemuandli kweli lizwe. Bingo, njalo-njalo, Egameni labamnyama base Bhai, B. S. DLEPU, (Umfundisi wase Wesile, J. W. GAWLER (Umfundisi opatiswe i St Stephen's) I. WAUCHOPE, N. MBAMBANI, A. NGCOZA, SIMON BALLA, nabanye

Impendulo ye Ruluneli kulo Mbuliso yile: Kubameli bomzi ontsundu wase Bhai.

Njengo mele Umntan' Omhle, ndiyambulela ngokuvakalisa kwenu intobelo-mbuso nokuzilahlela ku Mntan' Omhle.

Kundanelise kunene ukufumana kwinteto yenu ukuba nite ngendlela emnandi kangaka— nawaqonda lomatamsanga esiko lombuso, nokuhanjiswa komteto ngapandle kwe khete, ayimfanelo yabo bonke abantu abapantsi kwesiko lombuso wase Britani ukuba bawaxhamle.

Ndiyavuya kanjako ukuba ukuba ukumelana kwenu namanene amhlope apambili elilizwe kokwanelise ngangoko nikukelileyo, yaye iyakuba ngumgudu wam ozondeleleyo ngexesha endoba ndipete into ezinkulu endizipatisiweyo kweli lizwe, ukuba ndinganeliswa kumisela ezomfanelo namalungelo ezimahlaba enite nawaxhamla, kodwa ndoxhasa ngamacala onke inqubo pambili nokonwaba kwezizwe ezimnyama zeli lizwe.

Inkosikazi u Lady Loch, njengokuba senitshilo, uyivuyelele ihambiselo pambili yemfundo yamankazana antsendu, avuyayo ukuba ukuba iyehambisekayo, okwecala lika Nkosikazi u Lady Loch nelam ndiyambulela ngemibuliso yenu nonqwenelole olumnandi oluvakaliswe entetweni yenu.

HENRY B. LOCH,

25 January, 1890.

Ngokuhlwa kute xa kupunywa esidlweni sokubulisa, wandelwela u Ruluneli liralo lipete amabaso wadawakungena endlwini yake, ate wabhekisa umbulelo esiti oku bakwenzela i Nkosazana. Nge Sabata Umhlekezi uhambe ebona umzi indawo ezinjenge Hospital, Inkosikazi ye Ruluneli yamana ibhekisa amazwi entuzelo kwi milwewe. Ukusuka kona bawenze kwiyalike yama Wesile antsendu apo bankelwe ngu Rev. R. W. Bryant, no Rev. J. Pritchard. E Maxambeni uhambe umzi udwela ubenzela imbeko. Abafundisi be Church of the Province of South Africa, babe nombuliso abawenze ngencwadi ate wapendula Umhle. Induluke ngolwesi- Bini e Bhai isinga E RINI.

Wamkelwe zizihlewe e Station nangama valanti, ekute kwa esafika e West Hill kwadutyulwa izitongo ze nkanunu, usiwe e Drostdy elandelwa yinyambalala yabantu apo efike wamkelwa yinkulu yomzi yalesa inteto yombuliso. Kulandele u Hon. A. Wilmot, M.L.C., nange ye Gqugula le Siqingata, nawamanye amabandla ependuleyo kwinteto nganye i Ruluneli.

Eyamawetu ase Rini inteto iti: Tina Bamnyama bamele umzi ne Siqingata se Rini, sinomnqweno nge mbeko enkulu ukubulisa wena Mhlekezi ne nkosikazi u Lady Loch ekufikeni kwesi sixeko. Kungocaito esibulisa ngawe Mhlekezi Umbuso Omkulu owumeleyo esite pantsi kwawo sakululeka ebukobokeni sapantsi kwe miteto emihle, nenkululeko; yaye inkosikazi etandekileyo isikhumbuza Uma Omkulu omhlope, ocelele abantwana bake abase Afrika e Pesheya, nesimantandayo. Umnqweno wetu hlelo lintsundu onгахехийо kukuba izimvo zetu zentobelombuso nokuzinikela, zohluma okunye pantsi kwempato yako Mhle. Egameni labemi abantsundu, J. KOHL, J. BURGERS, EBERT, KASE KULATI, KOLOBILE, PIET NOBELA, GAULA.

Ipendule i Ruluneli yati: Kuyandwabisa, kundanelisa ukufumana kwi nteto yenu umbulelo wentobelo ebomisa ukuxhabisa kwenu umbuso wobulumko, nemfanelo wo Mhlekezi Inkosazana. Njengosendaweni yayo ndiyambulela ngezimvo zentobelo, nokuzinikela, enizihlokomisileyo; nanje ngomele yona ndinga ndinganifumbatisa ukuba ndizimisele bukali ukupembelela, ngangoko ndinako, into yokuhlambulula intlalo, namalungelo entlalo yabamnyama bayo yonke le Koloni.

Egameni lika Lady Loch nelam, ndiya nibulela ngonqwenelole lwenu olushushu, nombuliso wentobelo enindibilise ngawo namhlanje.

HENRY B. LOCH.

E-Rini, January 28, 1890.

Akuko nto singaba siyiteta ngokuvakiswa komzi, nento ezintle ezenziweyo zokumenzela isihomo.

Kusile ngolwesi-Tatu i Ruluneli ihamba no Sir Gordon no Lady Sprigg ityelele kwintlanganiso yaba Fundisi base Wesile ebise Rini. Yamkelwe ngu Rev. J. Smith Spencer, kuleswe inteto yombuliso ivakalisa ubukulu kulesibenzi opetwe ngaba ba Fundisi bamhlope na bantsundu; wavakalisa ukuba intobelo ye bandla lase Wesile yepuhle kangakokuba kungabi safuneki ukuba ixelwe. Yapeta ngokumqwenelela Umhlekezi impato entle.

Kutete u Mr. Spencer egokela kwinteto yombuliso, waleka u Rev. B. S. Dlepu, ete capa kwinto yokuba into enkulu ewutintelwe umsebenzi wabo vintengiso yotywala, wavakalisa itemba lokuba woti Umhlekezi asizebenzise isitunzi sake ukuphila isizana ezibangwa butywala.—U Hon. W. Ayliff, obeligosa, ute ibandla lase Wesile livelele ngenobelo ngamaxesha emfazwe, wati abafundisi abantsundu abakoyi balulibo lwabafundisi abaza kuhambisa ubu Kristu nokuhlambulula abantsundu be Afrika.—

Umhlekezi uvakalise uvuyo ukuhlangana nenani elingaka labafundisi abamhlope nabantsundu, wabulela intobelo-mbuso. Mayelana notywala ute umangaliswe yinto yokuba kungenakwenzeka ukuba kukankanywe abantsundu kuzo zonke indawo eke wakuzo kungakankanywa tywala, wati ukuba kusemandleni ake uyakwenza konke ukusifeza into abantu notywala.—Akukov'— ukuhlala Umhlekezi, u Rev. J. S. Spencer ute uvunyelise yi Ruluneli ukuvakalisa uluvo lwentlanganiso ngokubako ko Sir Gordon Sprigg, uvuyo lulolonxabiso ngokuba esazi ukuxakeka kwake kuba ngumfo womsebenzi.—U Sir G. Sprigg etakazela waleke ubungqina ngokutobela-umbuso kwamakolwa ebandla le Wesile ngamaxesha emfazwe, mayelana notywala ubalise ukuba nguye kwakabe bapatiswa umbuso omane ukumisela umteto wokurafisa utywala omane ukuqetulwa yi Palamente. Waleka wati noko ukumbalula ontsundu ukuba angatengiselwa utywala kuyakufelisa iroba lemitemo emibi eminye yekhete. Utsho esiti basakangele ingxelo yabapontiki bonxilo. Uyaleze ukuba bazilumle bonke etyaleni ukubeka umzekelo.—Emva kwalentlanganiso iyekubeka ilitye letyalike yase Tshatshi i Ruluneli. Kwisidlo sokubulisa u Sir Gordon, uvakalise ukuba njengokuba inguye owongamele imicimbi yabamnyama engoko nje u Sir Jacobus de Wet unokuti akuko xesha waka wazola njengoko unjalo umzi ontsundu.—Indlela yokusinga e—

BHOFOLO

iqalwe ngolwesi Ne. E Fort Brown, e Nxuba Umhlekezi wamkelwe libuto labantsundu ebelimindlele. Endulukile ufike e Bhofole emva ko 7 selitshonile, wafika Umhlekezi zonke izipaluka sezikona. Izikolo ebeziko bezizezi—Nobhanda, Wezo, Nondyola, Brakriver, Hillside. Emva kwe dinala kuntontelene eyamashe ivela ezifamini, e Mpofo nase Nxukwebe, yangumtya omde impi ehlangabezayo. Kuti selitshonile lwaqhuma utuli. Zatsho za 17 izitonga zenkanunu. Igubu nempu ivuma eye Nkosazana. Ibe ngumhla omkulu lowo wokufika kayayo. Kusile kuleswe imibuliso yamabandla apete umzi nesiqingata nabamnyama. Iruluneli ite akuko nto ingayivuyisa ngapezu kokuba i Bhofole lihlonelwe kweminye imizi ngololiwe. Indulukile yasinga

E DIKENI

amawetu nabamhlope ayihlangabeze alirola emva kwayo de kwafikwa emzameni oyi Alice. Emva kwamatilileti ngabapoti bomzi isinge e Lovedale apo ifike seyidwelile intsapo endleni eya kwa Rev. Dr. Stewart, kuko nento eninzi yabantsundu.

Inteto engumbuliso wabafundisi nezityudeni nentsapo, ivakalise umnqweno wokuyamkela i Ruluneli kulomida apo iqala kona into engumntu ontsundu. Bona nabantsundu bahlala bengazanga bamlibala u Sir George Grey odumileyo obeyihambela i Lovedale futi, ngamacebo ake engqondo ebanzi, nemiteto yobulumko, okuqeqesha Umxhosa obe yimbabala yolwantunge etanda imfazwe. Ukuba lomunzana ubengabona into ekule yayiyo i Simnari, pantsi kokuxuma kuka Nkulunkulu, nokwe Ruluneli ne Rulumente ezilandelayo nomsebenzi onzima ohanjiswa yi Simnari ngokwayo—ubeya kucaita. Bavuyisiwe kuyibona msinyane emva kokufika kweli, betemba ukuba bobuye bayibone, bavakalisa itemba lokuba langamana itamsanqa lika Nkulunkulu lingapumla pezu kwako nendlu, nempato-mbuso ye Ruluneli.

Iruluneli ipendule yati: Akufuneki nokuba ide ibatyele ukuba ingene kuyo yonke into epatelele ekuhlambululeni izimilo, nentlalo, namalungelo entlanga ezintsundu. Kumvuyisile ukubona into

ekule yayiyo le Simnari, akumzuzu mkulu wayexelelwa ngu Sir George Grey e New Zealand, okokuba usawalusile umsebenzi wesi sikolo esite ngentsikelelo ka Nkulu-nkulu saguqula Umxhosa obetanda imfazwe samenza umntu oxolileyo okuteleyo nohambela pambili.

Impi ezibonda kowayo umbuliso ite owayo umnqweno kukuba angamana angebuye aroxiswe amatamsanqa emfundo asbenawo; kwakona banga kunganguyanyiswa itengiso votywala. Irluneli ivumile ukuba ezi zinto zokulungiswa, nantonina enokuyenza ukuhlangabeza umnqweno wabo woyenza. Ibele e Lovedale. Ite igqitywa imbuliso yayisina. Kusile iqalile—

Indlela yase Qonce.

Ite iliwela i Tyume yaselimfindele impi yamahasha yakwa Kama nakwa Mabandla ebikumawaka amabini. Ihambe ikululana impi kumabanga onke yada yazakumshiya Emdizeni apo ibuye kona eyase Qobogobo. Kuvakala ukuba imangalisike ngovuyo Irluneli sesi senzo. Impi efun' ukuti iwuhlazise umzi yile imele i Qonce nganeno kwentaba, ete ayamankela e Mdizeni ekubeni bezitulelana ngaye izizwe. Zilila ngokuti zinqandwe yimantiyana, kanti umntu otsha yintliziyo akangenqandwi luto. Ube lusizi obhala lamanqaku ukubona umzi ubuya ehamba yedwa Umhlekezi.

Kwa Kama ibuliswe ngengeto ezimbini eyamapakati nenyomi zibulela impato yo Mtan' Omhle, intsikelelo. Ipendule ngamndani i Ruluneli.

E QONCE.

[NGOBENGAMEHLO ETU].

Inxeny yabantu igaleleke ekuseni komhla wom-Mvulo. Site besifudala siwazi umzi yase Qonce, namhla wasikohla safika uhonjiswe wangamakwezi kwezi. Irluneli iqale yahlangana nama Jamani izinto ezenze imimangaliso yokubonisa ubupatalala awafika ekubo ukufika kwawo kwelilizwe, intsingiselo yawo pambili, nempumelelo anayo namhlanje. Ukwenzwa kwalento kudluliswe pambi kwe Ruluneli enye yanzelwana zukufika kwama Jamani kweli izwe itwele impatalala zamaxaxasholo ama Jamani etwele emagxeni ingxowa zetapile emva kwaleyo, kwadlula elayishe ama Jamani ate putu, kwamana ukwenjenjalo kwada kwaba zisekulwini ezisezipile ngendlela ezipakamileyo namhla. Ugqibe iyure kulama Jamani, wasinga

Kwimpi Entsundu

wawuse umzi entsundu ucwabile kulomango upangaleleyo usentla kwe dolopi yase Qonce ngakwindlu ka J. W. Weir, Esq. Intsapo yasezikolweni ile yazakuti fici nge dolopi. Amaqaba eyokugqabela ngapezulu, eyamahasha yada yakufingeka ngapashesha kwesosikolo sakwa Rhluneli. Kwaza embindini yazizwe zasezikolweni. Kwako esazulwini umboko omboxo wesituba esilungiselelwe i Ruluneli. Kwati esangweni lalomboko kwawalwe nge nkosi, abafundisi, izibonda, onobhala ne titshala. Irluneli yandulelwe ngababeti be Ntabula abate ukuza kwabo batsho ngento ekute kwavakala kuti sonke ukuba hayi noko le yenye imini. Bate bakufika esazulwini bati cwaka. Kube mzuwana yabonakala ivela i Ruluneli ipahlwe buburwecewece be sabile. Kute ngexa yobu newunewu namangandngandi awaye xwile amehlo nendlebe zetu, salibala ukuba kuko nenkanunu kwapakati kwetu ezazizakudutylwa ukufika ko Mhlekezi. Ute ukungena kwake embokweni yovulelwa inkununu nentambala langa liya duduma. Akukova ukwamkela zipango zemikahlelo ufike wehla chasheni, kwabizwa impi ezinkosi abafundisi onobhala ne titshala naba vangeli; bahamba ngababini emva kwe kazikazi le banile ibhalwe " God, Liberty, Truth," kukokele abafundisi, pakati kwabebeko sibone o Revds. E. Makiwane J. Mabonga, P. J. Mzimba, J. M. Dwane, J. Goduka, W. B. Rubusana, E. Tsewu; Unkosi W. S. Kama namapakati azo, Messrs Jas. Mama, Joseph Tele, Job Sinxo, R. Niyikana, namadodana elipezulu o Messrs. Nukuna, Sondlo, Bhabha—nento eninzi yenkosi, otitshala nabavangeli. Abafundisi base Wesile abakufupi njengase Ngqushwa nase ma Xesi abafika, kanti lento ibiyeyohlanga. Kube kubana ke ngelituba lokungafikeleli kwabo, Olurazo lute ukudlula kwalo pambi kwe Ruluneli lwaman' ukuqubuda. Emva koludidi kulandela abantwa bezikolo zendawo ngendawo, yinto ke leyo ebe yintambo enye engapele ndawo lwaye lwenze into eluzizi ukuvuma luhamba ngokucokisekileyo ukudlula kwalo pambi kwe Ruluneli. Kute kwakuba mzuu wabonakla uyija umkupa kwincing zakowetu zanyelela ngazinye ukuya kunqanda inyembezi nokupozisa ubuguru bentliziyo. Sabulela wakude upele umjikelo wosapo kuba besesiqonda ukuba senzakele, kwasuke kwavuka ingcinga zebali eladlulayo lento esaka sayiyo singekahlangani nobutywala. Owesitatu umjikelo lwe ngowempi ehamba ngenyayo yasezikolweni. Owesine ibe ngowabakweli bamahashe abeba mayela kumawaka amatatu, kute ukudlula kwabo pambi kom Hlekazi, sazimisela ukubakangela kude kube sekupeleni kodwa kwati ngexa yesizunguzane salahla. Uusuke wati umhlaba wembiwa ngamanqina amahashe ngokungumngaliso. Owesihlanu umjikelo ibe ngowamaqaba ahamba ngenyayo ete chu chu iminqayi Ate wona ukuza ayinqumba exineneyo ngoku kwe gusha Ite lento ukuza kwayo yaliskisiki eliminyama elingabonakaliyo nalapo lipole kona ngasemva. Ite le nyambalala yakuba kufupi no Sir H. B. Loch yayitsho ingoma yesiqaba umhobe. Sihlala ukuvuma, kodwa ukuvuma okudibeneyo njengokugxati kuvuma umntu omnye ukuvuma okunga xabani nandlebe kodwa okupolileyo nokune ndingi encenasa, asikakuva nakuyipina enye inyambalala engangale. " Iwu, iwu, iwu, iwu! Apina amabandla ka Palo, ka Rarabe" ka bani wakwabani? yavakala isitsho kabuhlungu enye ingwevana esazulwini. Kute kaloku kwantoyntywa amakwelo yaqina ingoma laye ixegwana lakwa Ngqika lingasa bongi ntozakazabonwa lasuka umzi limane liwutunuka kwindawo ezi ete ete. Layeka nati sesinga lingapeza.

kwe zizwe pambi ko Mhlekezi, kwasiwa u Mhleli we Mvo u Mr. J. Tengo-Jabavu epeleka ngumncedisi wake u Mr. William Soga. Ute xa ehamba no Mantyi ukusiwa kwake ku Sir H. Loch, sazibuza pakati kwetu ukuba yintonina kanene imbangi yokuba lomfana atyunjwe kwezi zihandiba zingaka asiwe pambi ko Mhlekezi? Azi ke olunye udodana luyalingana ngezizinto? Imantyi ifike yaxela ukuba lo ke imziso ngu Mr. Jabavu, Umhleli wepepa lama Xhosa lale Koloni, lo ahamba naye u Mr. Soga ngumncedisi wake, ifike ke i Ruluneli yambamba ngesandla vambulisa kwanomngano wake u Mr. Soga. Ibutabuze ngepepa ihambiso yalo, waxelaxela u Mr. Jabavu. Ubonakele ekupa amapepa e Mvo ashicilelwe esilikeni emane wawabhasela i Ruluneli ne nkosikazi yayo, u Sir Gordon lomsebenzi mhle kunene izizwe seziza xontele amehlo ukubonela ngentliziyo ezitomaleleyo.

Emva kwaba hleli, kusive inkosi, abafundisi, befikile pambi ko Mhlekezi kufundwe umbuliso wezizwe ezintsundu ngu Rev. P. J. Mzimba ngesi Xhosa etolikelwa ngu Rev. E. Makiwane. Impendulo ye Ruluneli ibe yemndani kunene. Kulandele umbuliso wase Ngqushwa ete nawo wapendulwa ngamazwi amahle. Ukuba ngokuxelelwa akunje ngakuzibonela. Ngababeko bodwa ababuqondayo ubukulu balomhla siteta ngawo. Abantu abantsundu ababeko bebonko bayela neshumi lamawaka. Ekubazini kwetu abantu bakowetu asiyivo into elula ukugcina ulungcelelwano olunje ukufezeka kwalo, kuti iseyimfihlakalo enkulu ukuba itenina lento ukwenzeka. Masigqibe ngelokutiyilela wonke ubani ukuba sifikelwe yi Ruluneli enobugqi bokutimba intliziyo zabanu.

Kute ukumka komhla yasikupa kunye nenkosikazi yayo sancama mpela ukuba abasayikumtini kuba kubonakala kubo lento yokulunga nokuswela icapucapu isegazini. Kute xa kaloku afimfitwa zingcungu ezimilomo mde zase Qonce Umhlekezi kulomvezo mhle kakulu sayakutsho kona singamadoda amatandata. Ubonakele umfo waselungwini eqajizela kanti kuzakutawela amadoda antsundu. Sifikele pambi kwe Ruluneli nenkosikazi yayo, u Mantyi ubhekise ku Lady Loch wati ndizisa pambi kwako u Mr. J. T. Jabavu umhleli wepepa laba ntsundu, no Rev. E. Makiwane umfundisi owabekwa izandla, no Rev. J. M. Dwane umfundisi owabekwa izandla kube njalo no Mr. W. Soga. Yasibulisa inzakwazi enkulu ngezandla, wati: "Asikuko nokuba ndivana nobubi ukuba ndite ngexa yokungapili andabinakufikelela kwizihlwele zabantsundu, emini i Ruluneli ibuye ingawuhlanganisi umlomo ngexxa yomsebenzi owenzwe ngabantsundu. Nam ngokwam bendivele nge fesitile ndibonela. Zeninde ntiluvakalise uluvo lwam kubo bonke abantu abantsundu eniyakuhlangu nabo." Ite Irluneli ku Mhleli we Mvo woti usizi lwenkosikazi uluhlokomise ngepepa. Kutetwa yintokazi apa ebuso bubengezela lutando etsho salibala ukuba siteta ne Rulunelikazi. Induluke ngolwesi-Bini ukusinga e Monti.

Ngolwesi-Ne iye e Komani i Ruluneli yasala e Moni Inkosikazi ngokuba buhlungu. Ibuyela ngolwesi-Hlanu kwase Monti, ukubuyela e Kapa ngolwandle. Indlela eya e Skapu nase Cradock iputile ngelituba.

Ibala Labadlali

Ngehohide ze Njibidyalwa kwakudlalwa ezi matshi e Aliwal North. Yayingumnyadalana wakona ekwakuko i club ezimbini zase Burghersdorp, neyase Rouxville, neyase kaya (Aliwal). Amanani siwabeka ngezantsi, wozibonela ke umlesi. Ngexxa yoku, ngabiko kwesituba siya knfaka umqulu wamanani wodwa.

Kwaqalwa ngo 8 30 a.m. nge New Year yi "Never Give In" C.C., Burghersdorp v. Aliwal North C.C. Never Give In C.C. First Innings 37, second 40, Grand Total 77. Aliwal North C.C. First Innings 78. Yadiywa eyase Burghersdorp nge 11 wickets and a run.

Kwalandela kwa i Aliwal North C.C. ne Royal C.C. Rouxville, (e Gqili). Royal C.C. First 37, second 18, Grand Total 55 Aliwal North C.C. First Innings 59. Yadiywa eyase Gqili nge innings and 4 runs. "Kwanga kuhle betu."

Kwalandela i Millionaire C.C. yase Burghersdorp kwane Aliwal North. Millionaire C.C. First innings 22, second 47. Grand Total 69. Aliwal North C.C. First 64, second 52, Grand Total 116. Yadiywa i Millionaire C.C. nge 47 runs. Bapela abantu!

Kubonakala ukuba ngexxa yokuba lo mnyadalwa waudlalwe e Alvani, lona mafizidlale zonke ezinye i club ezizingadlalani zona. Lombhaleli mangandipi into enjalo ati yi tournament, maqonde ukuba mazidlalane zonke ezi club ukuze ibe ngumnyadalwa.

E Burghersdorp ngo January 8 kwakudlala i Millionaire C.C. ne Labour On C.C. zakona. I Millionaire C.C. First 44, second 84, Grand Total 128. Labour On C.C., First 106, second 66, Grand Total 172. Yadiywa i Millionaire C.C. nge 44 runs. Umbhaleli uncoma ingxolo, nokungazipati kahuhle kwabadlali. Yinina maungagezelwa lomdlalo ubekekileyo.

Nge 11th January kwakudlala i Frontier C.C. ne Try Again C.O. zase Qonce. Try Again C.C. First innings: Kido b Ngxoweni 1, Rainlat b Menze 1, Fisher b Ngxoweni 2, Brandt b Menze 0, Willix run out 1, Andries b Menze 0, Fertein b Ngxoweni 0, Gollith b do 0, Jones b Menze 1, Davids runout 11, Dragoonier not out 0, Extras 2, Total 18.

Frontier C.C., Jef Menze e Dragoonier 0, Bopi e Brent 2, Joe Menze b Kido 0, Ngxoweni b Kido 5, Jer Menze b do 6, Geo Mpondo b do 1, Xiniwe e Fertein b Fisher 25,

Lotsha b Jones 0, W Soga b Willix 4, Ntshona e Davids b Fisher 3, Zamzam not out 3. Extras 14. Total 62.

Lapela ixesha i Try Again yenze 39 for 7 wickets ngengeno lesibini. Yaquitywa i match nge 18 January. Lapela ingeno lesibini le Try Again C.C. nga 53 Yangena i Frontier C.C. elesibini. Yadiywa i Try Again C.C. nge 9 wickets.

Kwange 11 January kwakudlala i Champion C.C. ne Pirates C.C. (Amangesi). Asisifumananga i skora kubo, kodwa i Champions zangena kuqala zenza 47. I Pirates zenza 63. Zipinda i Champions zenza 28 for 9 wickets lapela ixesha. Yaba iyadliwa i Champion C.C. nge 16 runs kumangeno okuqala. Wena! kwapantsa kwakubi komkulu.

Ngomhla we 25th December, 1889, kwakuqubisene ezi club zombini i Try Again C.C. yase Uitenhage ne Fear Not C.C. yase Port Elizabeth. Ke mfondini kwanga kuqubisene inkunzi zezangxa, kwaxawitwana. Baye bebaninzi ababoneli base Port Elizabeth kwanabase Uitenhage. Ke umdlalo awugqitywanga kuba abase Port Elizabeth basaka bati abasena xesha, kwaye kusafuneka kungene amadoda asixenxe kwicala lase Uitenhage, kwayeke kusafuneka 10 runs ukuba yoyiswe i Fear Not C.C. yase Port Elizabeth. Bati kuba bengxamele ukuhamba abase Bhayi base beyinikela i game leyo ukuba itataywe li Tinara. I skora:—

Fear Not C.C. First innings: V Dalaza b Dlamini 3, T Makoni st Chakie b Dlamini 2, E Ngozo b Dlamini 6, J Foley c Tisana b Latola 3, S Boois lwb b Latola 1, D M Foley b Dlamini 2, G Sout b Dlamini 1, B Sinuka b Latola 23, T Klaas c Tisana b Dlamini 0. S Swaartbooi b Latola 1, W Swaartbooi not out 0. Extras 3, Total 45.

Try Again C.C. First innings: W Thuk e Ngozo 0, W Kinana b Foley 0, E Chakie at Swaartbooi b Foley 11, J Dlamini b Ngozo 1, E Jacobs b Ngozo 0, S Geyer st Foley b D M Foley 0, Z Mbedu b Ngozo 3, J Jacob not out 6, A Latola hw b Ngozo 1, D Commothe b Ngozo 0, C Tisana b Ngozo 5, Extras 1, Total 28.

Fear Not C.C. Second innings: V Dalaza b Latola 2, T Makoni c Kinana b Latola 0, E Ngozo b Dlamini 8, J Foley b Dlamini 3, S Boois b Dlamini 2, D M Foley o and b Dlamini 4, G Sout b Latola 0, B Sinuka b Latola 2, T Klaas not out 0, S Swaartbooi b Dlamini 0, W Swaartbooi c Chakie b Dlamini 0. Extras 1. Total 22. Grand Total 67.

Try Again C.C. Second innings: Z Mbedu b Dalaza 16, J Jacob b Foley 0, J Dlamini o Dalaza b Ngozo 6, E Chakie not out 4. Extras 3. Total 29. Grand Total 57. Yabake iyadliwa i Fear Not C.C. yase Bhayi.

INTLANGANISO ZA BAFUNDISI BASE WESILE —Eyesi Qingata sase Queenstown yaba Mnyama ibise Kamastone ngeveki engapaya ne gqitileyo; eyaba Mhlope e Komani ngeveki, egqitileyo, nale. Itume o Rev. J. E. Parsonson no Rev. W- J. Hacker kwi Conference e Kapa.—Eyase Clarkebury yaba Ntsundu ibise Tshungwana ngengapaya, eyabamhlope yase Mtata. Into ezibalulekileyo kweyaba Ntsundu kukwamkelela u Rev. R. Funani ebufundisini obuzeleyo. Elicebo liya kutunyelwa kwi Conference. Amadodana angena ebufundisini ngo Messrs. Albert White unyana ka Nkosi Makaula, no William Dikwayo wakwase Tshungwana, no Chalmers Nyombolo wase Bhencuti. Iramente entsundu ngalo nyaka yande nge 257, baye bebaninzi abasebulungweni. Kwi Conference yase Kapa kutunyele o Rev. H. W. Davis, B.A., Rev. T. W. Pocock no Rev. J. Conjwa. Eyo January 1891 yabamnyama yobase M'fundisweni. Eyase Natal intlanganiso ixela ukwanda kwe Bandla 366. Itume o Rev. C. Pettman no Rev. S. H. Ravenscroft kwi Conference.—Eyase Kimberley ne Bloemfontein ibise Bloemfontein. Amanani abamhlope asemi kwi 284, awabantsundu ande nge 268. Abatunywa kwi Conference ngo Rev. R. F. Hornbrook, Rev. Harvey Wilkinson no Rev. G. Mbongwe. Kumagosa kumiswe u Mr. E. H. Jones, no Mr. H. A. Oliver.—Eyase Rini itume kwi Conference kwabamnyama u Rev. David Msikinyu no Mr. Thomas Mqanda. Eya bamhlope ebise Rini itume u Rev. T. Chubb, B.A. no Rev. P. Tearle kwi Conference. Eyonyaka ozayo iya e Somerset East, eyabantsundu e Ngqushwa.

NATIVE OPINION

THURSDAY, FEBRUARY 6, 1890.

WE believe that the Native Demonstration of loyalty and devotion on the occasion of the visit of His Excellency the Governor to King Williamstown, will rank among the grandest incidents of the tour of the vice-regal party through the Eastern Districts. That it was a big turn out of the Natives is conceded on all hands, most people confessing that they had never seen anything of the kind before. The number of Natives present is variously estimated at from 8,000 to over 10,000; and we incline to the impression that the latter estimate is nearer the correct figure. It is clear that the part which our people took in connection with the visit of Sir HENRY and Lady LOCH to these Districts is a revelation to many.

For ourselves we may say we regarded it as the most natural thing in the world, conversant as we are with what is the state of the feeling of our people in respect of the British Sovereign and Her Most Gracious Majesty's Representative in this country. Hence we have, from the time that His Excellency and Lady LOCH set foot on South African soil, never hesitated to assert and reiterate the feelings, which knew no bounds, of the cordial attachment of the Natives to the British Government. These sentiments found expression in our article of welcome this day seven weeks ago; and we confidently reasserted them when His Excellency's determination to visit the Eastern Districts was made known. How singularly our prophecy has been fulfilled is now a matter of history. The simple, honest heartiness of the welcome of the Frontier Natives has, we are glad to say, impressed, not only His Excellency and Lady LOCH, who are strangers amongst us, but even those who have known these people long and well. A local contemporary, who cannot be charged with cherishing any negrophilistic or maudlin sentimentality towards the Natives, bursts forth in rapturous tones and sings a paean in praise of our people. It has been well observed—of course barring the attempt to make party political capital out of the rejoicings—by the *Watchman* that

His Excellency must have been very pleased too, to find an alien people like the Natives so full of expressions of loyalty and devotion to the person and throne of the Sovereign who rules over the Empire, and to receive from them assurances of contentment under the Government of Her Majesty as carried out by colonists in this country. He is perhaps aware also that these assurance were not only conveyed to him but were given by numerous deputations of Natives who waited both here and elsewhere upon Her Majesty's Minister whilst travelling with His Excellency and this will confirm him in the conviction that such statements were not mere pretty phrases used for the intention of pleasing and giving a nice turn to sentences.

Other newspapers concur. It would be a work of the sheerest supererogation in these circumstances for us to add more in the way of complimenting the Natives, for the practical way they proved their affection and devotion to the Governor and Lady LOCH—by thousands escorting and cheering him along the way, and crowning all by the impressive display of Monday, 3rd February. Of course it would be a mistake to suppose that so magnificent a turn-out could have so signally succeeded without prearrangement and much forethought. And we may here express the great indebtedness of the Natives to Mr. J. W. WEIR, of this town, for the self-sacrificing manner he literally cast himself into the work of making the Native demonstration a prominent feature of the functions of His Excellency's visit. Mr. WEIR was not to be baffled in his resolution by frowns and grimaces from those on the Reception Committee who would not give the Natives a show in these proceedings; and the wonderful success of so stupendous a work is a feather in his cap. We know he will not be pleased with us for thus mentioning his name, since we are aware it was for no puny ambition that he engaged in the work, but to serve his country and his generation by assisting to bring before the Governor a by no means unimportant section of those for whose good government His Excellency is accountable. But, for all that, the responsibility rests upon us to state the unvarnished truth; and in the discharge of those responsibilities we feel compelled to thank Mr. WEIR most sincerely for throwing in his great influence on the side of the Natives of Africa. Mr. WILLIAM HAY and Mr. INNES, who ably and signally supported Mr. WEIR, acting as committeemen, are worthy of special commendation. To our deservedly respected Civil Commissioner, Mr. W. B. CHALMERS, the thanks of our people are also due for assisting in every possible way the success of the Native demonstration. He was instrumental in various ways, and when at one time it was doubtful whether the Natives, as

such, could meet His Excellency he promptly wired and obtained the consent of the Governor for an appointment, generously consenting to receive the Governor together with Miss CHALMERS at the marquee on our behalf. Mr. DICK, the Special Magistrate, has worked indefatigably for the success of the show and well merits the thanks of our people. Among others who exerted themselves to bring about the satisfactory results we now rejoice over may be mentioned Rev. BRYCE ROSS, of Pirie We should not forget to thank those who assisted in certain essential details which, each, and all, contributed to render the proceedings the success they were. To Colonel BAYLY we are indebted for the guard of honour and arrangements for the firing of the guns. Our thanks are owing to Captain LANNING who kindly lent the bunting; also to Miss SISSING, who kindly provided the marquee for the Governor and Company; and to Inspector F. W. SMITH, who rendered good service in escorting the Governor and assisting during the procession. We are grateful, too, to the ladies of the Collegiate School who so kindly made the beautiful banner—bearing the device, "God, Liberty, Truth"—which was borne before the procession, and the inscription on which, as succeeding events showed, gave tone to the proceedings. Last but not least we remain debtors to the Town Council for allowing the use of the ground for this memorable event. Finally we thank all friends who rendered service. All have cause to rejoice that the Governor and Lady LOCH are both sensible of the importance of the Native demonstration; and what more could our people desire?

Notes of Current Events.

ON the subject of printing Government Notices relating to Natives published in Kafir for the benefit of those who understand that language only, the *Journal* (Grahamstown) remarks:—"Imvo complains, and very justly too, that to publish notices affecting Natives in the *Government Gazette*, and refuse to publish them in some paper they are likely to see, and in their own language, is like 'shutting them up in a dark room, and then kicking them for not seeing.' If it is any comfort to our contemporary, the treatment of the colonial population is not much better. Few indeed are the colonists who read the *Gazette*; and we wonder at this antiquated style of publishing Government notices has not been reformed away long ago. Everybody else, except Government, publishes its notices in papers which the parties concerned are likely to see. Government prefers the plan of publishing them for the most part in the *Gazette*, which the public will not see."

WE strongly sympathise with our people, residing in the basin of the Tyume, who heretofore have been under the first-class Magistracy at King Williams Town, in the grief they are in consequent on the proposal to annex them to the third-class Magistracy of Victoria East. The arbitrators appointed to consider this matter have, in the opinion of the Natives concerned, acted in a most arbitrary and outrageous manner in disregarding the representations of those mainly affected. The proposed line along Ncera is simply a line to annex thousands of Natives to Victoria East so as to enable the local authorities to have more ignorant Natives to worry and annoy. Mr. Nettleton's proposal to transfer Fort Hare to Victoria East is a practical one, and eminently suited to the circumstances of the case. In grim irony the *Alice Times* says, since the new line takes in Natives, all should regard it as satisfactory. We utterly fail to see this.

For the Natives do not relish being disrated by being handed over to officials not versed in the proper management of people just emerging from their own institutions. Besides, Victoria East has not shown any special fitness to be entrusted with the interests of our people. They have always been subjected to gross injustice. We earnestly implore the Government, in our people's stead, not to sanction the unjust recommendations of the arbitrators in the matter of the proposed enlargement of Victoria East; and avoid what we cannot but regard as an unnecessary tampering with the liberties of the Natives.

WE are very gratified to have it on the highest authority that during the visit of His Excellency the Governor to this town, from the time of his arrival up to his departure, there was not a single police case. This speaks very highly of the excellent behaviour of the people at such a time; and we are proud of it. It may be added that on the special request of the Native Chiefs and Headmen, the Civil Commissioner had asked the canteen-keepers to close on the day of the Native demonstration; but the publicans refused to comply. To the credit of our people, be it said, those who patronise these wretched dens determined manfully to abstain while the function was on. Hence this satisfactory result.

I.No. Ezincwadini ze Ngqesho.	Igama le Siqinisele.	No. yo Mhlaha	Apo Ukona	Irente yo Nyaka £ s d	Imali esc yifuneka kususela ku 1 Jan. 1890 £ s d
165		8			
166		250			
167		IX			
168		VW	Blaney Ngqeqe River		
169		11	Rabula		
170		25 & 26	Nyatela River Debe	5 0 9 10 0	
171		8	Valley Ngqeqe River	1 14 0	
172	Joseph Clarke Mbopa	78	„, Rabula Valley	3 12 10	
173	Stephen Majavu Gottlieb	48		2 0 7 2 8	
174	Schonknecht Win. Sikiti	76	„	4 0 19 11	
175	Andries Larson Springhan	71	„	1 19 9	0 10 9 0 10
176	Mlangeni Mqikela Team	72	„	2 0 6 2 8	0 0 17 0 1
177	Nerias Dakana Mtuyedwa	72	„	10	0 0 17 0 1
178	Makuzeni Philip Liwani	153	„	1 17 3	17 10 10 7
179	Mark Matiwana Mani Mani	116	„	2 14 0 2 6	13 4 0 9 11
180	Jeremiah Gqoloza Wm.	121	„	10 2 17 2 2	10 9 10 6 1
181	Dhliso Alic Mankabane	121	„	0 2 0 5 12	4 10 0 19 3
182	Mackinnon Godongwana	121	„	0 2 8 7 2 2	18 0 1 3 10
183	Tenetyana Puma	42 & 43 J	Debe Valley	1	1 1 7 11 0 0
184	John Silwana A. W.	140	„	4 0 0 4 0	19 11
185	Grnnewald W. Schaup M.	127	„	5 4 9 3 4 0	1 10 6 15 7
186	Haselau	57	„	0 4 0 0 2 0	12 1
187	G. Schroder A. Haselau	13	Izinyoka Valley	1	2 2 0 2 15
188	Cebeni Maposelwa R. J.	13	Debe Valley near Blaney	2 5 0	2 6 3 2 2 0 2
189	Crowe	13	Ncera River	3 19 8 13	2 0 0 2 1
190	A. Cross	4 B	Debe Valley	3 7	13 0 2
191	H. Dewey Nebuchan Gubesa	3	„	4 17 8	18 0 13 7
192	E. L. Sieg	5	„	1 18 4 4 0	1 15 8 0 18
193	Wm. James J. H. Shosha R.	6	„	1	10
194	Swaartboy J. Mavuso	43 1	„	4 0 0	2 2 1 2 0 0
195	J. Mavuso Fani Sonjica	49 g	„	2 0 8 1	10 8 0 17 10
196	David Kente Wm. Swaartboy	la g	„	13 10 1 10	0 10 4 0 10
197	James Mqeqelo	VII & K	„	4 1 1 5	5 0 11 1 10
198	K. F. W Sieg A.Schaup	9f	„	1 10 1	1 3 11 0 8
199	A. F. Lange Klaas	26	„	2 0 5 2 3	6 0 7 9
200	Dhlelapantsi Henry	9	„	11 0 18 6 0	2 14 11 0
201	Magenuka Daniel Finca A. Sidwell	9	„	17 9	10 9 0 0 2
202	Asaph Makubalo Julia Tainton	MM & BN	„	5 4 11 4	113 0 18 7 0
203	H. F. Brown A. Sikundhla	8	Umqkwana Hirer	11 9 4 0 2	19 6 0 11 8
204	Stephen Makubalo Alton	1 1	Ngqeqe River Rabula River	2 13	13 4 0 11 2
205	Henry Ngangelizwe Mcupe	q	Izinyoka Valley Etdizeni near Blaney	1 18 5	0 10 9 1 1 0
206	A. F. H. Arndt H. C.	1 1	„	2 0 0 12	1 12 11 0 5
207	Blackbeard Nzelani	1 1	„	8 2 5 4	0 0 17 5
208	Ngalwana W. Birkholtz C.	1 1	„	10 2 10 9	2 2 0 4 6 5
209	A. F. Kietzmann Taki Radebe Wm. Magcoba	1 1	„	9	0 12 4 2 5
				2 0 0	10 4 6 4 0 0
				3 3 11 0	0 17 0
				10 0 14 5	
				4 5 1 1 t 4	
				1 7 10 i	
				14 4	
				2 0 0 2	
				13 0	

B N

ELIKA

ORSMOND IYEZA ELIKULU

LASE AFRIKA.

Yincindi yengcambu zemiti yeli-lizwe.

UMPILISI WEZILWELWE

Ezibangwa kungcola kwe Gazi, nokuba sihla bumini, ukule naso, nokuba sihle ngayipina indlela. ezinjenge Hashe, izifo ezise Lufeleni, Ukujaduka, Ukuti nqi kwe sisu, Izifo ezise Mbilini, Ubutataka, Intswela tutongo, Ubutataka be ngqondo, Izifo zesi Fuba, nent' eminzi yezilwelwe sama Nkazana, nialo, njalo.

Kangela Encwadini abapilisiweyo nendlela elisetyenziswa ngazo, zibhalwe ngesi Ngesi, Jelimeni, si Bhulu nesi Xhosa.

Emva kokuli sebenzisa ixesha elide selenamava amaninzi umninilo, uliyaleza ngengqiniseko elyeza ukuba liyayi pilisa inkoliso yezifo zabantsundu base Afrika, kwanale Fiva (cestina) yase Dayimani, kona Kwesi sifo sabantu abamnyama liyi nqobo. Kawulilinge please. Litshipu, ibhotile zisheleni zontatu, izele liyeza elinga tata intsuku ezilishumi. Ibhottle nganye ihamba nenewadi ene nteto yesi Xhosa.

Lilungiselelwa umninilo kupela ngu

G. E COOK

KING WILLIAM'S TOWN, Linoku zuzwa kwinkoliso yaba gcini mayeza kuyo yonke Ikoloni.

Amayeza ka Cook Abantsundu.

UMZI ontundu ucelelwa ukuba ukange lise

lamayeza abalulekileyo.

COOK Iyeza Lesisu Elikaxaxazo. 1/6 ibotile.

COOK Erika Iyeza Lokukohlela (Lingamafuta). 1/6 ibotile.

COOK Aka Amafuta Ezilonda Nokwekwe.

9d. ibotile. Iyeza Lepalo.

1/6 ibotile.

COOK Ezika Ipils. 1/ ngebokisana.

COOK Eka Incindi Yezinyo. 6d. ngebotile.

COOK Oka Umnciza Westepu Sabantwana. 6d ngebotile.

Oka

COOK Umgyutana Wamehlo. 6d ngesiqunyana.

Oka

COOK Umnciza we Cesine. 1/6.

Niqondise ukuba igama ngu

G. E. COOK, Chemist,

E QONCE.

uba ngawenkohliso angenalo igama lake

Ikaya Lendwendwe.

SIYAZISA ukuba "Ikaya" sisaligcinile

apa e-Komani, Amagumbi, nezitale, nentlalo yonke ilungile kakulu, ezantsi kwa Marike.

R. T. NUKUNA & CO., Calderwood Street. Oueenstown.

Printed for the Proprietor, J. TENGO- JABAVU, by HAY BROTHERS, Smith Street, King Williamstown.

OLUKA

W. O. CARTER & CO.

Kingwilliamstown.

KWI VENKILE

YO KATA.

U

A. W. GIDDY,

Umteteleli Ematyaleni,

NOMQINISI- MVUMELWANO,

E

Cumakala, Stutterheim

Gowie Uluhlu Lwezityalo.

Luka JANUARY.

HLWAYELA i Cauliflower, ne Cabbage (ezona zintle zivela kwimbewu ezilinywe ehlotyem).

I French Beans, i Erytis, i Letesi, i Ba dish, Imigusho, ne Belt, zingahlwayelwa nazo.

NE

NTYANTYAMBO EZILUKUNI—njenge Carnation, Pansy, Hollyhock, Foxglove, Candytuft Columbine, Canterbury Bells. Indian Pinks, Imbali yemiti namatyolo.

Ranunculus, Freesias, Narcissus, nentyantyambo ezingcambu siqhukuva, eziwayo ngoku zingabekwa zezibuye zityalwe ngo March.

Imiti eziqhamo zivutwayo mayivinjwe amanzi.

W. & C. COWIE,

Abatengisi be Mbewu Nemiti,

GRAHAM'S TOWN.

W. B. CHALMERS, Civil Commissioner.

Civil Commissioner's Office, King Williams Town, 15th January, 1890.

W. McGLASHAN & CO,

(MAGALA),

E-DIKENI

BAHLALA benezona mpahla zokunxiba zintsha ezona ntlobo

zinilileyo ze Printi, i Satin, kwane Drillettes,

ITYALI, IZIHLANGU, NE NGUBO,

Zonke Intlobo Zabatsatayo Kwesi Siqingata,

Ngamanani alungele bonke abatengi. Impahla yabo ifika ngazo

zonke iveki ezimbini; kengoko impahla yabo ihleli intsha

ifika.

Ufuna into ezipilileyo, ngawona manani alula yiya kwa

W. McGLASHAN & CO.,

E-Dikeni.

Banika awona manani apakamileyo ngo BOYA IZIKUMBA,

IMFELE, UBOYA BESEYIBOKWE njalo, njalo IZILIMO zitengwa

ngamani ase Markeni.